UCwangciso lweMihlaba noLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba (SPLUM)
Isishwankathelo
Matshi 2016

Olucebo luquka apho urhulumente alandela inkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu ukuze achaze uhlobo izixeko zethu, iidolophu nemimandla edibeneyo yasemaphandleni ekufuneka zikhangelekengayo kwixesha elizayo. Oku kuquka, apho senza iindlela zeebhasi ezintsha, apho kufanele ukuba kwakhiwe izikolo ezitsha kunye neekliniki, apho kufuneka kubekho iiprojekthi ezintsha zezindlu ngeendleko ephantsi, apho umhlaba kufuneka ulondolozwe kulimo, ukukampa, apho singathanda kwicandelo labucala ukuba kusekwe iindawo zoshishino mveliso ezintsha, kunye nezinye izinto.

Ulawulo lokusetyenziswa komhlaba luquka uhlobo anokuthi urhulumente alawule imisebenzin noku setyenziswa kwalo maqhekeza omhlaba. Oku kuquka inkqubo zokuthabatha isigqibo sokuba iziko elitsha eliyakuthi lwakhiwe kwindawo ethile, okanye ukuba umasipala unako ukuzisa uphuhliso oluphantsi kwezindlu eziyakuthi zakhiwe kumhlaba othile kwahlulwe kunye nomhlaba wezolimo. Oku kubandakanya isigqiboesiquka uhlobo lwezakhiwo eziya kuvunyelwa ukuba zakhiwe kwiindawo ezithile.

Olu cwangciso lokuSetyenziswa koMhlaba Act Management (inombolo SPLUMA Act 13 of 2013) kunye no SPLUMA neMimiselo ye-23 Matshi 2015 lucacisa ngenkqubo apho urhulumente ayakuthi enze isicwangciso nokusetyenziswa komhlaba nolawulo kulo lonke ilizwe. SPLUMA weza kusetyenziswa ngokusemthethweni ngomhla woku-1 Julayi 2015. Oomasipala nabo baphuhlise imithetho kamasipala (okanye imithetho kamasipala)ekwa cacisa nendlela-ndlela oomasipala abaya kuphumeza ngayo uSPLUMA kumasipala wabo.

Oomasipala ngoku lusemagxeni abo ucwangciso lwesithuba kunye nolawulo lokusetyenziswa komhlaba kwimimandla yabo yoomasipala. Kwixesha elidlulileyo, iinkundla zocwangciso lwephondo, ngoku iyarhoxiswa iDevelopment Facilitation Act 67 of 1995, wenza izigqibo ezithile zocwangciso nokusetyenziswa komhlaba nolawulo ukuze bakwazi ukwenza njalo. Amaphondo anakho ukudlala indima kwinkxaso kunye nokuxhobisa ngezakhono kuphela xa kuqalwa ucwangciso ngumasipala.

SPLUMA uyakubethelela ukubaluleka kweSikhokelo soPhuhliso seMihlaba engaMabala (i-SDF) Izicwangciso njengenxalenye yesiCwangciso soPhuhliso oluManyanisiweyo. Amaphondo nawo ngoku ayakuthi akwazi ukwenza isicwangciso sophuhliso lwephondo okanye lommandla- (SDF) wawo.

Ngokunxulumene nolawulo lokusetyenziswa komhlaba, bonke oomasipala kufuneka ngoku baxele ukuba xa kusetyenziswa umhlaba zeziphi izinto eziya kuvunyelwa kuzo zonke iindawo zikamasipala, kuqukwa iindawo zasemaphandleni kunye ne zabantu. Oku kufuneka kuboniswe kwaye kubizwe ngokuba kuSetyenziswa koMhlaba Scheme. Oomasipala kufuneka baqalise ukuseka iqabane kunye nabanye oomasipala okanye oomasipala bezithili ukuseka inkundla yocwangciso kamasipala (MPT). Ezi MPT zenziwe ngamagosa karhulumente amantlanu okanye ngaphezulu (ooceba ngaphandle)

kunye nabantu abanolwazi namava afanelekileyo. Naliphi na isebe okanye umntu ofuna ukutshintsha ukusetyenziswa komhlaba wokuhlala, ushishino, wokulima kunye nowe zindlu zikarhulumente, umzekelo, kuya kufuneka ukuba angenise izicelo kumasipala wengingqi acele ukwenza olu tshintsho lokusetyenziswa komhlaba. amagosa kamasipala angazenzela izigqibo zotshintsho oluncinane, kodwa utshintsho olukhulu luyakwenziwa ngokwe MPT ize ithabathe isigqibo. Ukuba abantu abonwabanga sisigqibo eso baya kuba nako ukugqithisa isibheno kwibhunga likamasipala okanye kumbutho wezibheno okhethiweyo nomiswe libhunga.

ISebe lePhondo laseMpuma Koloni likaRhulumente waseKhaya kunye neMicimbi yezeMveli liye laqulunqa uxwebhu olu chaza imvelaphi kunye nemiba equka oko iphondo licinga kufuneka kubandakanywe kucwangciso lwephondo lomhlaba kunye nemithetho nolawulo lokusetyenziswa komhlaba. Urhulumente wephondo uya kumema uluntu ukuze luvakalise izimvo zalo kolu xwebhu lwandule ukucebisa iphondo kwizicwangciso kunye nolawulo lokusetyenziswa komhlaba ekufuneka lwenzeke kwixesha elizayo kwiphondo.

Ucwangciso lwesithuba kunye nolawulo lokusetyenziswa komhlaba kuchaphazela sonke, yinto Ekufuneka sonke sazi ngayo kwaye sibe nezwi ngoko sicinga ukuba kufuneka kwenziwe. iAfesis-corplan, isebenzisana ne-NGO coalition, iphuhlisa idrafti yezindululo abacinga ukuba kufuneka zibandakanywe kucwangciso lwephondo lwemihlaba kunye nemithetho nolawulo lokusetyenziswa komhlaba. Ngo-Apreli nangoMeyi 2016 neminye imibutho iya kucelwa ukuba ixhase ezi ngcebiso. Ezi ngcebiso ziya kungeniswa kwijelo lezikhalazo lorhulumente wephondo ngoJuni 2016.

Iyakhuthazwa nemibutho yoluntu ukuba ifunde ngakumbi ngo SPLUMA nako konke oko urhulumente wephondo acinga ukuquka kumthetho wesicwangciso nokusetyenziswa komhlaba wephondo, ize ingenise izindululo nemibuzo yawo Wozahlulela kwiphondo.

Ukuze ufumane ulwazi oluphangaleleyo nge SPLUMA uze uxhaze izindululo eziqulunqwayo nceda uqhagamshelane ne afesis-corplan okanye ujonge website ilandelayo: http://goo.gl/MYV5Ht